

Amangqina Athandekayo: Amandla Obungqina Bomntu



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Marko 5:15–20, Marko 16:1–11, IZenzo 4:1–20, 1 Yohane 1:1–3, Gal. 2:20, IZenzo 26:1–32.

Indima Yenkumbulo:

“Kuba singenako thina ukuthi singazithethi izinto esazibonayo, esazivayo” (IZenzo 4:20).

Kukho amandla angaqhelekanga kubungqina bomntu. Xa iintliziyo zethu zifudunyezwa luthando lukaKristu size siguqulwe lubabalo lwaKhe, sinento ebalulekileyo yokuthetha ngaYe. Yinto eyodwa ukuthetha ngoko uYesu ayenzele omnye umntu. Yinto eyodwa ngakumbi ukuthetha ngoko asenzele kona thina buqu.

Kunzima ukuwaphika amava omntu. Abantu bangaxoxa ngokufunda ngoThixo okanye ngendlela oyichaza ngayo indima okanye bade bahlekise ngayo yonke inkolo. Kanti xa ubani anokuthi, “Ndakha ndaphelelwa lithemba kodwa ngoku ndinalo; ndandisoloko ndiziva ndinobutyala kodwa ngoku ndinoxolo; ndandingumntu ongenanjongo [ebomini] kodwa ngoku ndinayo,” nabahlala benentandabuzo bayachukumiseka ngamandla egospile.

Nangona abanye abantu beba nenguquko ekhawulezileyo nenamandla njengekaPawulos endleleni esinga eDamasko, kukholisa ukuba inguquko yenzeka xa umntu ekhula ekukuqondeni ukuxabiseka kukaYesu, uthando olunzulu lobabalo lwaKhe, nengqondo ephezulu kakhulu yombulelo ngenxa yosindiso lwaKhe alunika ngesisa. UKristu ubuguqula ngamandla ubomi bethu. Koku kungqina okudingwa kakhulu lihlabathi nelikulangazelelayo.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 11.*

Amangqina Angalindelekanga

Funda: Marko 5:15–20. Ucinga ukuba kutheni ukuze uYesu athumele umntu eDekapoli ukuba aye kungqina kusapho lwakhe nakubahlobo bakhe kunokuba amkhulise kwinkolo awayesanda kuyizusa ngokuthi amgcine ekunye naYe?

Igama Dekapoli lisuka kumagama amabini: deca elithetha ishumi, nopolis othetha izixeko. Ummandla waseDekapoli wawuyindawo yezixeko ezilishumi ezikunxweme lolwandle lwaseGalili kwinkulungwane yokuqala. Ezi zixeko zaziqhogene ngolwimi nenkcubeko. Onedemon wayesaziwa ngabantu abaninzi kuloo mmandla. Wazisa uloyiko ezintliziweni ngokungathembeki kwakhe nobundlongondlongo bokuziphatha kwakhe. UYesu wabona kuye umntu olangazelela into engcono, waza wamhlanguka ngommangaliso lo mfo kwiidemon ezazimthuthumbisa.

Bathi abantu bezixeko bakuva ukuba uYesu uzivumele iidemon ukuba zingene emhlambini weehagu, nokuba iihagu zaqabela eliweni zangena elwandle, baphuma baza kubona ukuba kwenzeka ntoni. IVangeli kaMarko ithi, “Bafike kuYesu, bambone obepethwe ziidemon, lowo ke wayenomkhosi, ehleli, ambathisiwe enengqondo ephilileyo; baza boyika” (Marko 5:15). Le ndoda yayiphilile kwakhona—emzimbeni, engqondweni, kuvakalelo, nasemoyeni. Umongo wegospile kukubuyisela abantu abaphulwe sisono ekupheleleni uKristu awabadalela kona. Ngubani olunge kakhulu ukuba afikelele kwezi zixeko zaseDekapoli ngaphezu kwalowo wathi wenziwa ngokutsha, ekubeni wayeneedemon, ongathetha ngamava wakhe abe bubungqina kummandla wonke? UEllen G. White uyibeka kakuhle le ndaba: “Njengamangqina kaKristu, kufuneka sithethe oko sikwaziyo, oko thina ngokwethu sikubonileyo sakuva sakuchukumisa. Ukuba sibe simlandela uYesu inyathelo ngenyathelo, siya kuba nayo into efaneleke kakhulu ukuba siyithethe ngendlela athe wasikhokela ngayo. Singakwazi ukuxela ngendlela esithe sawavavanya ngayo amadinga aKhe, saza sawafumana eyinyaniso. Singanika ubungqina ngento esiyaziyo ngobabalo lukaKristu. Bubo obu ubungqina iNkosi esibizela bona, nekuthi, ngenxa yokubuswela, ilizwe litshabalale.” —*Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 340. UThixo ukholisa ukusebenzisa amangqina aguqulwe lubabalo lwaKhe ukuba enze umahluko elizweni lethu.

Lithini elakho ibali; ukuthi, ibali leyakho inguquko? Yintoni oyixelela abanye ngendlela owayifumana ngayo inkolo? Yintoni onokuyinika omnye ongekaguquki, onokuzusa ulutho kumava onokuwabalisa?

Ukuvakalisa UKristu Ovukileyo

Kwathi ngentathakusa ngeCawa, ooMariya ababini bakhawuleza basinga engcwabeni likaKristu. Babengayi kumcela nto. Wayenokubanika ntoni umntu ofileyo? Okokugqibela bembona, umzimba waKhe wawulijaja ligazi, ulimele, udlakadlaka. Imiboniso yomnqamlezo yayikroliwe ezingqondweni zabo. Ngoku babesenza umsebenzi wabo. Besentlungwini, babesiya engcwabeni ukuba bawuqhole umzimba waKhe. Amathunzi amnyama okuphelelwa lithemba ayebugubungele ubomi babo ngobumnyama bokuncama. Ikamva lalingaqinisekanga laye linika ithemba elincinane.

Bathi bakufika engcwabeni, bakhwankqiswa kukulifumana lize. UMateyu, ebhala ngeziganeko zaloo ntsasa yovuko, wenjenje: “Saphendula ke isithunywa sathi kubafazi abo, Musani ukoyika nina; kuba ndiyazi ukuba nifuna uYesu, lowo ubethelelwe emnqamlezweni. Akakho apha; kuba uvukile” (Mat. 28:5, 6). Abafazi ngoku babezaliswe luvuyo. Amafuyama osizi ayephelile kwakho ukukhanya kokusa kwelanga lentsasa yokuvuka. Ubusuku bosizi babuphelile. Uvuyo lwazalisa imbonakalo yabo, zathi iingoma zovuyo zathabatha indawo yokukhala.

Funda: Marko 16:1–11. Wathini uMariya akufumana ukuba uKristu uvukile kwabafileyo?

Emva kokuba uMariya ehlangene noKristu ovukileyo, wabaleka waya kulibalisa ibali. Iindaba ezilungileyo zezokwabelana, naye akakwazi ukuthi cwaka. UKristu wayephila! Ingcwaba laKhe lalingenanto, kwaye kufuneka umhlaba uyazi loo nto. Emva kokuba nathi sihlangene noKristu ovukileyo apha endleleni yobomi, nathi kufuneka sibaleke siyokulibalisa ibali, kuba iindaba ezilungileyo zezokwabelana. Indlela ethathekisa ngayo, nangoku, into yokuba, nangona uYesu wayebaxecelele amaxesha amaninzi okuya kwenzeka, ukuba wayeza kubulawa aze emva koko avuke, abafundi—abo kanye uYesu wayebakhethile—bala ukukholelwa kubungqina bukaMariya. “Basuka nabo, bakuva ukuba uhleli, nokuba ukhe wabonwa nguye, abakholwa” (Marko 16:11). Ngoko ke, nokuba abafundi baKhe kanye abazange bakholelwe kwangoko, akufuneki simangale xa abanye nabo, bengawamkeli kwangoko amazwi ethu.

Kwakunini ukugqibela kwakho ukuphoxwa ekungqineni kwakho? Waya wathini, iyintoni owayifundayo kuloo mava?

Ubomi Obuguqulweyo Benza Umahluko

“Ke kaloku, bakubona ukungafihlisi kuthetha koPetros noYohane, baqiqa nokuba ngabantu abangenamfundo, abangenakwazi, bamangaliswa; babaqonda ukuba babenaye uYesu” (IZenzo 4:13).

Ibandla leTestamente eNtsha ladubula ukukhula kwalo. Kwabhaptizwa ama-3,000 ngeMini yePentekosti (IZenzo 2:41). Amawaka angaphezulu ongezeka ebandleni kwiiveki ezimbalwa emva koko (IZenzo 4:4). Amagunya akhawuleza ayibona into eyenzekayo. La makholwa eTestamente eNtsha aguqulwa lubabalo lwaKhe, akakwazi ukuthi cwaka.

Funda: IZenzo 4:1–20. Kwenzeka ntoni apha? Kwenzeka ntoni xa amagunya ayezama ukuthulisa uPetros noYohane? Yathini impendulo yabo?

La makholwa ayematsha kuKristu, kwaza kwafuneka abalise amabali wabo. UPetros, umlobi owayethetha kakhulu, waguqulwa lubabalo lukaThixo. UYakobi noYohane, oonyana bendudumo ekwakunzima kubo ukuyibamba imisindo yabo, baguqulwa lubabalo lukaThixo. UTomas owayengumgxeki waguqulwa lubabalo lukaThixo. Kubafundi namalungu ebandla lokuqala elowo wayenelakhe ibali anokuthetha ngalo, kwaye engenakuthi cwaka. Qaphela le ntetho inamandla ephuma kuEllen G. White kwincwadi Amanyathelo Okuya KuKristu: “Ngako nje ukuba umntu aguquke, kubakho umnqweno entliziyweni yakhe, wokunga angaxelela abanye ngoYesu, umhlobo wakhe wodidi; isuka le nyaniso imsidise yamngcwalisa ingakwazi ukuvaleleka entliziyweni yakhe.”— iphepha 78. Qaphela kwakhona, ukuba iinkokeli zenkolo zathini kwindima ye-16. Zawuvuma ngokuphandle ummangaliso wobunyaniso bommangaliso owawenziwe—indoda eyaphiliswayo yayimi apho phambi kwabo. Kanti ke, sekukho oko kudela kuphandle, uPetros noYohane abazange bazimisele ukurhoxa ekungqineni kwabo.

Luyintoni ulwalamano phakathi kokumazi uKristu nokuthetha ngaYe? Kutheni lento ukumazi uKristu kufuneka kakhulu ukuze sikwazi ukuthetha [ukungqina] ngaYe?

Ukwabelana Ngamava Wethu

KwiZenzo 26, simfumana umpostile uPawulos engumbanjwa emi phambi kukakumkani uAgripa. Apha, ethetha ngqo nokumkani, uPawulos wanika ubungqina obungaye, Pawulos, ethetha ngobomi bakhe, kungekuphela njengomtshutshisi wabalandeli bakaYesu; kodwa, nangokuba emva kokuba eguqukile, ubomi bakhe njengqina likaYesu kwakunye nedinga lokuvuka kwabafileyo (IZenzo 26:8).

Ukuguquka kukaPawulos endleleni esinga eDamasko, iNkosi yethu yathetha naye yathi, “Ndibonakele kuwe ngenxa yoku, ukuba ndikumise ube ngumkhonzi nengqina lezi zinto uzibonileyo, nendiya kubonakala kuwe ngazo” (IZenzo 26:16). Ukwabelana ngokholo kungamava anamandla ngamaxsha onke. Kukuxela ngebali loko uKristu asenzele kona kwixesha elidlulileyo, noko akwenzayo ebomini bethu namhlanje, noko aza kukufeza ngenxa yethu kwixesha elizayo.

Ukungqina akuze kube ngeziqo zethu. Kusoloko kungaYe. unguThixo oxolela ubugwenxa bethu, aphilise izifo zethu, asithwese izithsaba ngobubele benceba, asanelise ngezinto ezilungileyo (Nd. 103:3–5). Ukungqina kukubalisa nje ibali lethu elingobabalo lwaKhe [uThixo] olumangalisayo.

Funda: 1 Yohane 1:1–3 uthelekise namaGalati 2:20. Ubona ukufana okunjani? Afana njani amava kaYohane nakaPawulos?

Nangona uYohane noPawulos babephila ubomi obahlukeneyo, bobabini baba namava okuhlangana buqu noYesu. Amava wabo noYesu awangawo awenzeka kwindawo ethile kwixesha eladlulayo kwaba kuphelile. Aye eyinto eqhubekayo, imihla ngemihla engamava okuvuya eluthandweni nasekuhambeni ekukhanyeni kwenyaniso yaKhe. Ingaba ukuguquka kuhlala kuyinto yexesha eladlulayo kuphela? Khangela intetho kaEllen White ngabo babecinga ukuba amava enguquko yabo eyadlulayo ngawona abalulekileyo: “Ngokungathi, ukuba bakha banento abayaziyo ngenkolo ngaphambili, babengasadingi ukuguquka yonke imihla; kodwa sidinga ukuba yonke imihla, sonke ngabanye, siguquke.”—*Manuscript Releases*, vol. 4, p.46.

Nokuba amava wakho adlulileyo ebenjani, nokuba ebe namandla equiphe ngamandla, kubaluleke ngantoni ukuba ube nolwalamano neNkosi imihla ngemihla, kwingqondo yobukho baKhe nokulunga kwaKhe namandla waKhe imihla ngemihla? Yiza nempendulo yakho eklasini ngeSabatha.

Amandla Obungqina Bomntu

Makhe siphinde sikhangele uPawulos ephambi kuka-Agripa. Umpostile uPawulos umi phambi kwale ndoda, eyokugqibela kumnombo weekumkani zakwaYuda, ooMakhabhi, nowendlu kaHerode. UAgripa wayesithi ungumYuda, kodwa entliziyweni wayengumRoma. (Bona *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 436.) Lo mpostile uyingwevu, ediniwe ziihambo zakhe zovangelo namadabi—ezaliswe ziziva zamadabi phakathi kokulungileyo nokubi, emi apho intliziyo yakhe izaliswe luthando lukaThixo nobuso bakhe bubengezela kukulunga kukaThixo. Nokuba kwakwenzeke ntoni ebomini bakhe, nokuba ziintshutshiso neenzima ezinjani awazifumanayo, wayesakwazi ukuthi uThixo ulungile. UAgripa wayeligeza, engathembi nto, eqaqadekile, engakhathalele nto konke kwezixabisekileyo. Kwelinye icala, uPawulos uzaliswe lukholo, uzinikele kwinyansio, iqhawe ekukhuseleni ubulungisa. Umahluko phakathi kwala madoda mabini wawungeke udlule apho ngokucaca. Etyaleni lakhe, uPawulos wacela ukuthetha waza wayinikwa imvume nguAgripa.

Funda: IZenzo 26:1–32. Wangqina njani uPawulos kuAgripa? Singafunda ntoni kumazwi wakhe?

Ububele buvula iintliziyo apho uburhabaxa buzivalayo. Apha, uPawulos unembeko ngendlela emangalisayo kuAgripa. Ude athi ngaye “wazana nawo onke amasiko neembuzwano zamaYuda” (IZenzo 26:3). Emva koko ungena kwingxoxo engokuguquka kwakhe.

Funda ngebali lokuguquka kukaPawulos kwi-IZenzo 26:12–18 uze uqaphele ngobunono igalelo lalo kuAgripa kwi-IZenzo 26:26–28. Ucinga ukuba kutheni le nto uAgripa aye wenza ngohlobo awenza ngalo? Yintoni eyamnika umdla ngobungqina bukaPawulos?

Ubungqina bendlela uYesu awabuguqula ngayo ubomi bakhe baba nomfutho phezu kokumkani ongamoyikiyo uThixo. Alikho ingqina elinempumelelo ngaphezu kobomi obuguqukileyo. Ingqina elibomi balo buguquke ngokwenene linempembelelo emangalisayo kwabanye. Kude kuthi nookumkani abangamoyikiyo uThixo bachukunyiswe bubomi obuguqulwe lubabalo. Nokuba asinawo amava anamandla njengoPawulos, sonke sinako ukuxelela abanye ukuba kuthetha ntoni ukumazi uYesu nokuhlangulwa ngegazi laKhe.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Phantse ukundoyisela” amaph. 433–438, IZenzo Zabapostile. Umongo wobomi bobuKristu lulwalamano noYesu olutyebe kakhulu noluzele kangangokuba side sifune ukubalisa ngalo. Ibaluleke injalo imfundiso elungileyo, ayikwazi ukuma endaweni yobomi obugugulwe lubabalo lwenziwa ngakumbi luthando. UEllen G. White uyibeka icace le nto xa athi: “UMsindisi wayesazi ukuba akukho ngxoxo, nokuba ivakala kangakanani, eyayinokunyibilikisa iintliziyo ezilukhuni okanye iqhekeze uqweqwe lokuthanda ilizwe nokuzidla. Wayesazi ukuba abafundi baKhe bamele ukuzusa ukuxhotyiswa kwasezulwini; nokuba igospile iya kuba negalelo eliphathekayo kuphela xa ivakaliswa ziintliziyo ezenziwe shushu, nemilebe enikwe ubuciko lulwazi oluphilayo lwalowo uyindlela, inyaniso nobomi.”—The IZenzo Zabapostile, p. 31. Kwincwadi Ulangazelelo Lwamaphakade, wongeza le ngcamango inamandla: “Uthando olumangalisayo lukaKristu luya kuzinyibilikisa luzoyise iintliziyo, lo gama ucengcelezo nje lodwa lweemfundiso lungayi kufeza nto.”—iphepha 826. Bakho abo banengcamango yokuba ukunika obabo ubungqina kukuzama ukoyisela abanye kwiinyaniso abazifumana eLizwini likaThixo. Nangona kubalulekile ukunika ixesha lokuthetha ngeenyano zelizwi likaThixo, ubungqina bethu ngathi bunokukhulu kakhulu yokwenza nenkululeko kubutyala besazela, uxolo, inceba, nokuxolelwa, amandla, ithemba, novuyo izinto esinokuzifumana kwisipho sobomi obungunaphakade uYesu asinika bona ngesisa.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- 1. Ucinga ukuba kutheni ubungqina bakho bunamandla kakhulu ekuphembeleni abanye? Ingaba ubungqina babanye baba negalelo elinjani kuwe kwawakho amava?**
- 2. Eklasini, thethani ngeempendulo zenu umbuzo wokugqibela wangoLwesithathu. Abaluleke ngantoni amava emihla ngemihla neNkosi, hayi ekungqineni kwethu nje kuphela, kodwa nakukhulu lwethu ngabanye?**
- 3. Yinyaniso le; ubungqina bunako ukuba lingqina elinempumelelo. Kwangelo xesha linye, yintoni eyenza ukuba ubomi bokoyika uThixo bube yinxalenye ebalulekileyo yokungqina kwethu?**
- 4. Yabelana neklasi yakho ngobungqina bakho. Khumbula ukuba ukwabelana ngoko uKristu akwenzele kona noko akuko uYesu ebomini bakho namhlanje. Mahluko mni owenziwa nguYesu ebomini bakho?**